

Iyintoni iMfundo
eLwimimbini/
eLwimininzi eSekelwe
kuLwimi lweBele?

Incwadana 2

EyeSilimela
2024

Le ncwadana iyafumaneka ngesiVenda,
ngeSepedi, ngesiZulu, ngeSesotho,
ngeSiAfrikaans, ngeSetswana, ngesiTsonga,
ngeSiSwati, ngesiNdebele, ngoLwimi lweZandla
nangesiNgesi.

Fumana iinkcukacha kule webhusayithi : www.bua-lit.org.za



**What is a
mother tongue(s)?**

**Yintoni ulwimi
lweenkobe (ulwimi
lwasekhaya)?**

Ulwimi lwasekhaya lolona lwimi okanye iilwimi umntwana azazi ncakasana nathi eze nazo xa eqala isikolo. Isenokuba ziilwimi ezingaphezu kolunye. Ngokwesiqhelo, olu lulwimi okanye iilwimi ezisetyenziswa ngumntwana ukunxibelelana nabanye ekhaya kunye/okanye ekuhlaleni. Idla ngokuba lulwimi umntwana alufunde esikolweni njengoLwimi lweeNkobe.

isiMpondo kunye nesiBhaca, ziqukwe kwisiXhosa njengolwimi lwebele. Ngoko ke, umfundisintsapho wesiXhosa kulindeleke ukuba afundise isiXhosa njengolwimi olusesikweni kodwa alufundise ngendlela ezakwenza ukuba iilwimi zengingqi zibe nokuthathelwa ingqalelo, zihlonitshwe kwaye zisetyenziswe njengesixhobo sokufunda.

Olonalwimi luqhelekileyo emntwaneni lukwabizwa nangamanye amagama anjengala athi ulwimi olusisiseko, ulwimi lokuqala, ulwimi lwasekhaya okanye ulwimi lwebele. Ulwimi lwebele isengalulo nolwimi olusetyenziswa ngutata okanye ulwimi olusetyenziswa ngumakhulu. Eyona ngongoma iphambili apha yeyokuba olu lolona lwimi luqhelekileyo emntwaneni kwanolo luthethwa ngumntwana.

Ulwimi lwebele luquka iilwimi zengingqi nezizalana nolwimi olusesikweni. Umzekelo iilwimi zengingqi ezifana nesiHlubi,

**What is 'mother
tongue' education?**

**Yintoni imfundo
'ngolwimi lwebele'
(iMTE ngoshunqulelo
lwesiNgesi)?**

EMzantsi Afrika, iMfundo ngoLwimi lweBele yoyanyaniswa nokusetyenziswa kolwimi lwebele lomntwana njengoLwimi lokuFunda, ukuFundisa kwanoVavanyo (iLOLTA ngoshunqulelo lwesiNgesi). Oku kuthetha ukuba izifundo ezinzule kwimixholo ezifana nematematika

kunye nezakhono zobomi zifundiswa ngolwimi lwebele. Ngokwakalokunje, kwisininzi sabafundi abathetha isiNtu, ulwimi lwebele lusetyenziswa njenge**LOLTA** kwiminyaka emine yokuqala esikolweni (iBakala R-3). Isininzi sabafundi abathetha isiNgesi nesiAfrikaans, ulwimi lwebele lusetyenziswa njenge **LOLTA** ukususela kwiBakala R ukuya kutsho kwiBakala 12 nangaphaya kwalo. IMfundo ngoLwimi lweBele iyingenelo kulwahlulo lolwimi kwaye ibonelela ngokufundisa ngolwimi olunye kuyo yonke iminyaka yokufunda kwaneyemfundo. IMfundo ngoLwimi lweBele yoyanyaniswa nemfundo elwiminye.

Oku kuthetha ukuba ukufunda kwanezixhobo zokuncedisa ekufundiseni (umz. iithekstibhukhu) zifumaneka ngolwimi olunye, unxibelelwano phakathi kwabefundisantsapho nabafundi nalo luqhuba ngolwimi olunye, kwakunye novavanyo luqhutywa ngolwimi olunye. Kolu uhlobo, ezinye iilwimi zinikezelwa njengezifundo kuphela. Umzekelo, isiNgesi/isiAfrikaans/ isiZulu/iSetswana zinikezelwa njengezifundo zoLwimi lokuQala Olongezelelweyo kunye noLwimi lwesiBini Olongezelelweyo. Kodwa ke, zikhona nezinye iindidi ezifundisa izifundo zeelwimi ezimbini kwisigaba soLwimi lwaseKhaya.



What is Mother Tongue Based Bi/multilingual Education (MTBBE)?

Iyintoni iMfundo eLwimimbini/eLwimininzi eSekelwe kuLwimi lwaseKhaya (iMTBBE ngoshunqulelo lwesiNgesi)?

IMfundo eLwimimbini/eLwimininzi eSekelwe kuLwimi lwaseKhaya (**iMTBBE** ngoshunqulelo lwesiNgesi) ikukusetyenziswa kweelwimi ezingaphezu kolunye njengoLwimi lokuFunda, ukuFundisa noVavanyo (**iLOLTA** ngoshunqulelo lwesiNgesi). Oku kuthetha ukuba izifundo ezinzule

kwimixholo njengeMathematika, ezenzululwazi kunye neteknoloji kwakunye nezentlalo zifundiswa ngeelwimi ezimbini okanye ngaphezulu. kuqhutyekwa nalo ukuya kutsho kwiBakala 12 ngangaphaya kwalo. Olu uhlobo lubizwa ngokuba lusekelwe kulwimi lwebele kuba

luqhubeka nokusebenzisa ulwimi lomntwana lwebele njenge **LOLTA** kwiBakala 4 ngeli lixa kusongezwa olunye ulwimi, mhlawumbi ulwimi angaluqhelanga ncam umntwana (umz. isiNgesi), njenge **LOLTA** yokufezekisa. I **MTBBE** isabela kwimingeni yokungalingani ngokwembali nangemfundo kwinkqubo yeMfundo yaseMzantsi Afrika nalapho kuye kwaxhamla abafundi abantetho isisiNgesi nesiAfrikaans kuphela ngokuthi kusetyenziswe iilwimi zabo zebele njengee **LOLTA** xa begqithela ngaphaya kweBakala 3.

Kwi **MTBBE**, ukufunda kwanezixhobo zokuncedisa ekufundiseni (umz. iithekstibhukhu) zenziwa zifumaneke ngeelwimi ezimbini nangaphezulu kwaye novavanyo luqhutywa ngeelwimi ezingaphezu kolunye. Kolu udidi, ii **LOLTA** zikwanikezelwa njengezifundo nokuba luLwimi lokuQala Olongezelelweyo okanye uLwimi lwesiBini Olongezelelweyo. Ukuphunyezwa ngokuyimpumelelo kwe **MTBBE** inxenye yako ixhomekeke ekufundisweni ngokusemgangathweni ophezulu kolwimi olusetyenziswa njenge **LOLTA** njengezifundo.



Why Mother Tongue Based Bi/multilingual Education?

Kutheni ibalulekile iMfundo eLwimimbini/ eLwimininzi eSekelwe kuLwimi lwaseKhaya?

Injongo yemfundo elwimimbini/ elwimininzi esekelwe kulwimi lwasekhaya kukudala iimeko zokuphuhlisa ulwazi olunzulu kwanobugcisa kwiilwimi zabo zasekhaya, isiNgesi kunye nezinye iilwimi zesiNtu. Abantwana abaninzi baseMzantsi Afrika olona lwimi balwazi ncakasana okanye ulwimi lwabo lwebele sisiNtu. Uphando lubonisa ukuba abafundi bafunda

ngcono ngolwimi/ngeelwimi abazazi ncakasana. Ulwazi olunzulu lweelwimi zabo lubenza abafundi bakwazi ukufunda imixholo emitsha kwanokufunda ezinye iilwimi.

Uvavanyo lokufunda lwamazwe ngamazwe njengeziphumo ze **PIRLS**, ziveza ukuba abantwana abafundi baze babhale ngokunengqiqo kwiBakala 4 nangaphezulu,

nangona befundiswe ngolwimi lwesiNtu kwiBakala R ukuya kwelesi3. Oku akuthethi ukuba iilwimi zesiNtu azibalulekanga ukuba zingasetyenziswa njengee **LOLTA**. Okuboniswa zezi ziphumo lungqongophalo lokuphuhlisa kokufundisa ngeelwimi zesiNtu. Umzekelo, abefundisintsapho besiNgesi nesiAfrikaans baqeqeshwe baze baxhotyiswa ngezixhobo zokuncedisa ekufundiseni nasekufundeni ngeelwimi abazifundisayo. Uninzi lwabefundisintsapho beelwimi zesiNtu, kwelinye icala, baqeqeshwe ngesiNgesi kwaye noninzi lwabafundi abanazixhobo zaneleyo nezisemgangathweni zokufunda ngeelwimi zesiNtu.

Uphando lubonisa ukuba abantu abathetha iilwimi ezingaphezu kolunye bazisebenzisa zonke iilwimi zabo ukuze benze intsingiselo. Ukusebenzisa ulwimi olungaphezu kolunye njenge **LOLTA** kungakhokelela kwiingenelo ezininzi zokuqika kwabafundi, kuquka noluvo lokuba abasebenzisa iilwimi ezimbini/ ezininzi bacaphula kwimithombo yeelwimi abazaziyo ukwenza kwanokugqithisa intsingiselo.

Ukugxininisa ekusetyenzisweni kweelwimi abazazi ncakasana abantwana njenge **LOLTA** ngeli lixa kongezwa enye i **LOLTA** yokufezekisa, kusengakuphucula ukuzixabisa, ukuzazi kwanenkubeko yomntwana. Kwakhona kusenokwenza abantwana bakwazi ukuza kwanokoyamanisa ulwazi abalufumana ekuhlaleni kwanolo lufumaneka esikolweni.

I **MTBBE** imiselwe ngenjongo yokuphuhlisa ubulwimininzi bomntu ukuze kuphuculwe unxibelelwano phakathi kweenkcubeko ezahlukileyo, ukuqondana kunye nomanyano. Uhlobo lwe **MTBBE** lucinga ngemeko apho abafundi benokufunda ngeelwimi zabo zebele kwanolwimi oluquka isininizi (njengesiNgesi), kwaye, ngelokongeza, nokufunda olunye ulwimi lwesiNtu (ulwimi olwahlukileyo kolo lwabo lwebele).

I **MTBBE** ikwanengqiqo kuphuhliso lwezoqoqosho nanjengoko ilungiselela abafundi ukuba bakwazi ukuthatha inxaxheba kuqoqosho lwezwe kwanolwamazwe ngamazwe. Ilungiselela abafundi ukuba bakwazi ukuzifumanela indawo ehlabathini, ukwenzela ukuba bakwazi ukuphumelela kwiimeko zemisebenzi apho kuxatyiswe khona isiNgesi (uqoqosho olusesikweni) kwanakwezo kuxatyiswe iilwimi zesiNtu khona (uqoqosho olungekho sikweni).



*Advice for schools
changing to MTBBE -
how could it work
in the classroom?*

*Ingcebiso kwizikolo
ezitshintshela kwiMTB-
BE – ingasebenza njani
kwigumbi lokufundela?*

Imeko 1: Kwizikolo ezinesiXhosa uLwimi lweBele kwiSigaba sokuQala kunye nesiNgesi njengoLwimi lokuFunda ukususela kwiBakala 4-12 (izikolo zasezilalini/ezasezilokishini)

- Abafundi bathetha isiXhosa njengoLwimi lwaseKhaya (HL ngoshunqulelo lwesiNgesi) (abanye abafundi bathetha ulwimi lwengingqi oluyelelene nesiXhosa)
- Abefundisintsapho bathetha isiXhosa njengeHL
- Abefundisintsapho nabafundi abasisebenzisi kakhulu isiNgesi xa bephumile kwigumbi lokufundela.
- IsiXhosa siyi **LOLTA** kwisigaba esisiseko kwaye isiNgesi yi **LOLTA** esesikweni ukususela kwiBakala 4.

Ingcebiso ngeeNkqubo zeMTBBE: iNkqubo yeeLwimi eziMbini

LOLTA esisiXhosa kwiSigaba esiSiseko kunye neeLOLTA ezisisiXhosa-isiNgesi (iBakala 4 nangaphaya kwalo)

Ukulungiselelwa kwesifundo:

Umfundisintsapho kudingeka ukuba afumanise ukuba loluphi ulwimi okanye iilwimi ezithethwa ngabafundi. Emva koko aqwalasele kakuhle ukuba kufuneka esebenzise isiXhosa okanye isiNgesi kusini na okanye zombini kwanokuba oko akwenze kwezphi izigaba zesifundo. Ukucingisisa banzi malunga noku kungabancedisa abefundisintsapho ukuba bazikhwebule kuqeqesho kwanoqheliso olugxile kwisiNgesi kuphela baze bacinge ngokufundisa nokufunda okoyame kubulwiminzi.

Oku kusengalomeleza izinga lezifundo ngokukhuthaza abefundisintsapho ukuthi bafikelele baze basebenzise isigama esisesikweni esingesiXhosa nesiNgesi kwizifundo zabo. Okokugqibela, oku kungabancedisa abefundisintsapho ukuba bazilungiselele ukusetyenziswa kolwimi kumagumbi okufundela.

Ukufumana nokusebenzisa

izixhobo: Abefundisintsapho basenokudinga ukuthatha izigqibo ezinengqiqo malunga nomthamo wezixhobo emazithengwe kwii **LOLTA** ezisetyenziswayo kwigumbi lokufundela (umz. kwigumbi elinabafundi abanga40, kungathengwa iithekstibhukhu zezenzululwazi ezingesiNgesi zibe ngama20 kunye neethekstibhukhu zezenzululwazi ezingesiXhosa ezingama20. Kwakhona, iiglosari eziingengqikelelo ezilwiminnye nezilwimimbini, izichazimagama, iitekisi zeeLTSM zingathengwa nazo. Iepu engasebenzisi datha eneeglosari ezilwimininzi zazo zonke izifundo nazo zingaluncedo kule imeko.

Uvavanyo olufundisayo nolushwankathelayo:

Abefundisintsapho kunye nabacebisi kwezemfundo kuzakudingeka ukuba bakucwangcisele ngenyameko ukusetyenziswa kolwimi kuvavanyo (umz. uvavanyo olulwimimbini okanye olulwiminnye). Oku kuquka iingcebiso malunga nokuba loluphi ulwimi omalusetyenziswe kuhlobo olufundisayo nolushwankathelayo; kwibakala elithile; okanye kweyiphi inxenywe yovavanyo.

Ukusetyenziswa kolwimi kwigumbi

lokufundela (ngabefundisintsapho nabafundi): Abefundisintsapho kufuneka bakhuthaze abafundi ukuba basebenzise ulwimi lwabo njengesixhobo/njengeentlobo ngeentlobo zokunika intsingiselo. Abefundisintsapho kufuneka babonise ukuba ulwimi lusetyenziswa njani ukunika intsingiselo.

Okulandelayo ngumzekelo wendlela ekunokucingwa ngayo maluna nokusetyenziswa kolwimi kumabakala ahlukileyo kwimeko 1.

IBakala	Ukusetyenziswa kolwimi ngokwephesenti njengoko kucetyiswa yiDBE	Izixhobo zenkxaso yolwimi	Iincwadi zokusebenzela/iLTSM
4	<p>LOLTA 80% isiXhosa 20% isiNgesi</p>	<p>Amagama asedongeni alwimimbini, iiglosari, ushicilelo neenowutsi ezingokusingqongileyo</p>	<p>litekisi ezilwiminye Iincwadi zokusebenzela zesiXhosa ikakhulu</p> <p>litekisi ezilwimimbini Iitekisi ezithile ezilwimimbini kwincwadi /kwiseti yeenowutsi enye</p>
5	<p>LOLTA 70% isiXhosa 30% isiNgesi</p>	<p>Amagama asedongeni alwimimbini, iiglosari, ushicilelo neenowutsi ezingokusingqongileyo</p>	<p>litekisi ezilwiminye Iincwadi zokusebenzela zesiXhosa ikakhulu</p> <p>litekisi ezilwimimbini Iitekisi ezithile ezilwimimbini kwincwadi /kwiseti yeenowutsi enye</p>
6	<p>LOLTA 60% isiXhosa 40% isiNgesi</p>	<p>Amagama asedongeni alwimimbini, iiglosari, ushicilelo neenowutsi ezingokusingqongileyo</p>	<p>litekisi ezilwiminye Isiqingqtha seencwadi zokusebenzela ezingesiXhosa Isiqingqtha seencwadi zokusebenzela ezingesiNgesi</p> <p>litekisi ezilwimimbini Iitekisi ezithile ezilwimimbini ngesiXhosa nesiNgesi kwincwadi / kwiseti yeenowutsi enye</p>

7	<p>LOLTA 50% isiXhosa 50% isiNgesi</p>	<p>Amagama asedongeni alwimimbini, iiglosari, ushicilelo neenowutsi ezingokusingqongileyo</p>	<p>litekisi ezilwiminye Isiqingqtha seencwadi zokusebenzela ezingesiXhosa Isiqingqtha seencwadi zokusebenzela zingesiNgesi</p> <p>litekisi ezilwimimbini litekisi ezithile ezilwimimbini ngesiXhosa nesiNgesi kwincwadi / kwiseti yeenowutsi enye</p> <p>litekisi ezilwimimbini litekisi ezithile ezilwimimbini ngesiXhosa nesiNgesi kwincwadi / kwiseti yeenowutsi enye</p>
---	---	---	--

Imeko 2: Kwizikolo ezifundisa ngolwimimbini onxuseneyo osisiXhosa-isiNgesi kunye neSesotho-isiNgesi

- Uninzi lwabafundi bathetha isiXhosa okanye iSesotho njengeHL (abanye abafundi basenokuthetha ulwimi lwengingqi oluyelelene nesiXhosa okanye iSesotho).
- Abefundisintsapho bathetha nokuba sisiXhosa okanye iSesotho njengeHL.
- Abefundisintsapho nabafundi abasisebenzisi kakhulu isiNgesi xa bephumile kwigumbi lokufundela.
- IsiXhosa neSesotho ziiLOLTA ezinxuseneyo ukuya kutso kwiBakala 6. IsiNgesi sinikezelwa njengolwimi lokuqala olongezelelweyo gxebe iFAL ukususela kwiBakala 1.

lingcebiso ngeeNkqubo zeMTBBE liNkqubo zokufundisa ngeelwimi eziNxuseneyo & Ukufundisa ngeeLwimi eziMbini

Ukulungiselelwa kwesifundo:

Umfundisintsapho kudingeka ukuba afumanise ukuba loluphi ulwimi okanye iilwimi ezithethwa ngabafundi. Emva koko aqwalasele kakuhle ukuba kufuneka esebenzise isiXhosa okanye isiNgesi kusini na okanye iSesotho okanye zombini kwanokuba oko akwenze kwezphi izigaba zesifundo. Oku kubalulekile ekuncedeni abefundisintsapho ukuba bazikhwebule kuqeqesho kwanoqheliso olugxile kwisiNgesi kuphela baze bacinge ngokufundisa

nokufunda okoyame kubulwimininzi. Kusengabanceda abefundisintsapho ukuthi bakwazi ukufikelela baze basebenzise isigama esisesikweni esingesiXhosa nesiNgesi kwizifundo zabo. Okokugqibela, oku kungabancedisa abefundisintsapho ukuba bazilungiselele ukusetyenziswa kolwimi kumagumbi okufundela.

Ukufumana nokusebenzisa

izixhobo: Abefundisintsapho basenokudinga ukuthatha izigqibo ezinengqiqo malunga nomthamo wezixhobo emazithengwe kwii **LOLTA** ezisetyenziswayo kwigumbi lokufundela (umz. kwigumbi elinabafundi abanga40, kungathengwa iithekstibhukhu zezenzululwazi ezingesiNgesi zibe ngama20 kunye neethekstibhukhu zezenzululwazi ezingesiXhosa ezingama20.

Kwakhona, iiglosari eziingengqikelelo ezilwimimbini, izichazimagama, iitekisi zeelTSM nazo zingathengwa. lepu engasebenzisi datha eneeglosari ezilwimininzi zazo zonke izifundo nazo zingaluncedo kule imeko.

Uvavanyo olufundisayo nolushwankathelayo:

Abefundisintsapho kunye nabacebisi kwezemfundo kuzakudingeka ukuba bakucwangisele ngenyameko ukusetyenziswa kolwimi kuvavanyo (umz. uvavanyo olulwimimbini okanye olulwiminye) kwaye babacacisele ngokucacileyo abafundi malunga neelwimi amabaphendule ngazo kwibakala ngalinye. Kucetyiswa ukuba uLwimi lwaseKhaya kunye noLwimi lokuQala Olongezelelweyo zisetyenziswe njengeelwimi zovavanyo.

Ukusetyenziswa kolwimi kwigumbi lokufundela

(ngabefundisintsapho nabafundi): Abefundisintsapho kufuneka bakhuthaze abafundi ukuba basebenzise ulwimi lwabo njengesixhobo/njengeentlobo ngeentlobo zokunika intsingiselo. Abefundisintsapho kufuneka babonise ukuba ulwimi lusetyenziswa njani ukunika intsingiselo.

Okulandelayo ngumzekelo wendlela ekunokucingwa ngayo malunga nokusetyenziswa kolwimi kumabakala ahlukileyo kwimeko 2.

Grade	Language use by percentage as recommended by DBE	Language support resources	Ukufundisa okunxuseneyo ukuya kokusebenzisa iilwimi ezimbini kwiiklasi zesiXhosa/zeSesotho, lincwadi zokusebenzela/iLTSM
4	<p>LOLTA 80% isiXhosa/ Sesotho 20% English</p>	<p>Bilingual word walls, glossaries, environmental print & notes.</p>	<p>litekisi ezilwiminye lincwadi zokusebenzela zesiXhosa ikakhulu</p> <p>litekisi ezilwimimbini litekisi ezithile ezilwimimbini zesiXhosa/isiNgesi kwincwadi enye/kwiseti yeenowutsi</p> <p>litekisi ezilwiminye lincwadi zokusebenzela zeSesotho ikakhulu</p> <p>litekisi ezilwimimbini litekisi ezithile ezilwimimbini zesesotho/isiNgesi kwincwadi / kwiseti yeenowutsi enye</p>
5	<p>LOLTA 70% isiXhosa/ Sesotho 30% English</p>	<p>Bilingual word walls, glossaries, environmental print & notes.</p>	<p>litekisi ezilwiminye lincwadi zokusebenzela zesiXhosa ikakhulu</p> <p>litekisi ezilwimimbini litekisi ezithile ezilwimimbini zesiXhosa/isiNgesi kwincwadi enye/kwiseti yeenowutsi</p>

<p>6</p>	<p>LOLTA 60% isiXhosa/ Sesotho 40% English</p>	<p>Bilingual word walls, glossaries, environmental print & notes.</p>	<p>litekisi ezilwiminnye Isiqingqtha seencwadi zokusebenzela ezingesiXhosa Isiqingqtha seencwadi zokusebenzela ezingesiNgesi</p> <p>litekisi ezilwimimbini litekisi ezithile ezilwimimbini ngesiXhosa nesiNgesi kwincwadi /kwiseti enye yeenowutsi</p> <p>litekisi ezilwiminnye Isiqingqtha seencwadi zokusebenzela ezinge Sesotho Isiqingqtha seencwadi zokusebenzela ezingesiNgesi</p> <p>litekisi ezilwimimbini litekisi ezongezelelekileyo ezilwimimbini ngeSesotho nesiNgesi kwincwadi /kwiseti yeenowutsi enye</p>
<p>7</p>	<p>LOLTA 50% isiXhosa/ Sesotho 50% English</p>	<p>Bilingual wordwalls, glossaries, environmental print & notes.</p>	<p>litekisi ezilwiminnye Isiqingqtha seencwadi zokusebenzela ezingesi Xhosa Isiqingqtha seencwadi zokusebenzela ezingesiNgesi</p> <p>litekisi ezilwimimbini litekisi ezithile ezilwimimbini ngesiXhosa nesiNgesi kwincwadi /kwiseti enye yeenowutsi</p>

			<p>litekisi ezilwiminye Isiqingqtha seencwadi zokusebenzela ezingeSesotho Isiqingqtha seencwadi zokusebenzela ezingesiNgesi</p> <p>litekisi ezilwimimbini litekisi ezongezelelekileyo ezilwimimbini ngeSesotho nesiNgesi kwincwadi /kwiseti yeenowutsi enye</p>
--	--	--	---

Kwimeko 2, kucetyiswa ukuba kudalwe amathuba amaninzi kangangoko wokudibanisa abafundi abathetha iilwimi ezahlukileyo (isiXhosa kunye neSesotho). Abafundi basenokudityaniswa kwigumbi lokufundela isiNgesi njengoLwimi lokuQala Olongezelelweyo baze abafundi abantetho isiSesothi bafundiswe isiXhosa njengolwimi lokuqala okanye olwesibini olongezelelweyo ngokunjalo nabantetho isisiXhosa bafundiswe iSesotho.

Imeko 3: Kwizikolo ezifundisa ngolwimimbini onxuseneyo osisiXhosa-isiNgesi kunye neSesotho-isiNgesi kwisigaba esisiseko kuze kutshintshelwe kulwimininzi osisiXhosa-Sesotho-isiNgesi (ezinye zezikolo eziphumeza iMTBBE eMpuma Koloni)

- Abafundi bathetha isiXhosa okanye iSesotho njengeHL (kwaye, ngokwesiqhelo abanye abafundi bazithetha zombini isiXhosa neSesotho ngokwamazinga ohlukileyo)
- Abafundi bafundiswa ngesiXhosa nangeSesotho kumagumbi okufundela anxuseneyo.
- KwiBakala 4, abafundi abantetha isiSesotho nesiXhosa baxutywa kwigumbi lokufundela elinye.
- Abefundisintsapho bathetha isiXhosa neSesotho ngokwamazinga ohlukileyo. Abanye abefundisintsapho bathetha isiXhosa njengeHL ngeli lixa abanye bethetha iSesotho njengeHL.
- Abefundisintsapho nabafundi abasisebenzisi kakhulu isiNgesi xa bephumile kwigumbi lokufundela. Isixhosa neSesotho ziiLWOLTA ezinxuseneyo ukususela kwiBakala R-3, isiNgesi sinikezelwa njengeFAL ukususela kwiBakala 1, size isiXhosa neSesotho, zidityanise nesiNgesi, zibe ziiLWOLTA kwigumbi elinye lokufundela ukususela kwiBakala 4.

**lingcebiso ngeeNkqubo zeMTBBE
liNkqubo zoBulwimininzi
obunaMandla/obuGuquguqakayo**

Ukulungiselelwa kwesifundo:

Umfundisintsapho kudingeka ukuba athathe izigqibo ezinengqiqo malunga nendlela isicwangciso sesifundo esizilungiselela ngayo neendidi ezahlukileyo zokusetyenziswa kolwimi ngokuxhomekeka kwinjongo.

Oku kubalulekile nanjengoko kunceda abefundisintsapho ukuba bakwazi ukutshintshatshintsha xa kusiziwa kumba weelwimi. Kule imeko, kubaluleke nangakumbi ukuba abefundisintsapho babonisane nabanye abefundisintsapho okanye abacebisi bezemfundo ukuze bafumane ingcaciso yamagama kwanokufumana amagama amatsha ngaphambi kokuyakuqhuba nesifundo. Ividiyo ezicacisa iingqikelelo ngeelwimi ezahlukileyo zingaluncedo kakhulu ekuncediseni abefundisintsapho abangenalwazi luphangaleleyo ngazo zombini ezi lwimi, iSesotho nesiXhosa. Kungaluncedo kakhulu ukuba ezi vidiyo zinganeenguqulelo ezibhalwe kwalapha kuzo gxebe isabhuthayitile ezingesiXhosa, iSesotho nesiNgesi (kodwa zingasetyenziswa zonke ezi lwimi kwividiyo enye). Kusenokubanceda abefundisintsapho ukuthi bakwazi ukufikelela baze basebenzise isigama esisesikweni esingesiXhosa nesiNgesi kwizifundo zabo.

**Ukuqoqwa nokusetyenziswa
Uvavanyo olufundisayo**

nolushwankathelayo:

Abefundisintsapho kunye nabacebisi kwezemfundo kuzakudingeka ukuba bakucwangisele ngenyameko ukusetyenziswa kolwimi kuvavanyo (umz. uvavanyo olulwimimbini okanye nolulwiminnye) kwaye babacacisele ngokucacileyo abafundi malunga neelwimi amabaphendule ngazo kwibakala ngalinye. Kucetyiswa ukuba uLwimi lwaseKhaya kunye noLwimi lokuQala Olongezelelweyo zisetyenziswe njengeelwimi zovavanyo.

Ukusetyenziswa kolwimi kwigumbi

lokufundela ngabefundisintsapho nabafundi): Abefundisintsapho kufuneka bakhuthaze abafundi ukuba basebenzise ulwimi lwabo njengesixhobo/njengeentlobo ngeentlobo zokunika intsingiselo. Abefundisintsapho kufuneka babonise ukuba ulwimi lusetyenziswa njani ukunika intsingiselo.

Okulandelayo ngumzekelo wendlela ekunokucingwa ngayo malunga nokusetyenziswa kolwimi kumabakala ahlukileyo kwimeko 54.

IBakala	Ukusetyenziswa kolwimi ngokwepheleli njengoko kucetyiswa yiDBE	Izixhobo zenkxaso yolwimi	Iiklasi ezifundisa ngeelwimi ezimbini kusetyenziswa iincwadi zokusebenzela/iLTSM ezilwiminye nezilwimimbini
4	<p>LOLTA 80% isiAfrikaans 20% isiNgesi</p> <p>80% isiNgesi 20% isiAfrikaans</p> <p>80% isiXhosa 20% isiNgesi</p>	<p>Amagama asedongeni alwimimbini, iiglosari, ushicilelo neenowutsi ezingokusingqongileyo</p>	<p>litekisi ezilwiminye Isiqingatha seencwadi zokusebenzela zesiAfrikaans Isiqingatha seencwadi zokusebenzela ezingesiNgesi Isiqingatha seencwadi zokusebenzela ezingesiXhosa</p> <p>litekisi ezilwimimbini litekisi ezilwimimbini ngesi Afrikaans/isiNgesi kwincwadi / kwiseti yeenowutsi enye</p> <p>litekisi ezilwimimbini ngesiXhosa/isiNgesi kwincwadi /kwiseti yeenowutsi enye</p>
5	<p>LOLTA 70% isiAfrikaans 30% isiNgesi</p> <p>70% isiNgesi 30% isiAfrikaans</p> <p>70% isiXhosa 30% isiNgesi</p>	<p>Amagama asedongeni alwimimbini, iiglosari, ushicilelo neenowutsi ezingokusingqongileyo</p>	<p>litekisi ezilwiminye Isiqingatha seencwadi zokusebenzela zesiAfrikaans</p> <p>Isiqingatha seencwadi zokusebenzela ezingesiXhosa</p> <p>litekisi ezilwimimbini litekisi ezilwimimbini ngesi Afrikaans/isiNgesi kwincwadi /kwiseti yeenowutsi enye</p> <p>litekisi ezilwimimbini ngesi Xhosa/isiNgesi kwincwadi /kwiseti yeenowutsi enye</p> <p>litekisi ezilwimintathu</p>

6

LOLTA

60%
isiAfrikaans
40% isiNgesi

60% isiNgesi
40%
isiAfrikaans

60% isiXhosa
40% isiNgesi

Amagama asedongeni
alwimimbini, iiglosari,
ushicilelo neenowutsi
ezingokusingqongileyo

litekisi ezilwiminnye

Isiqingatha seencwadi
zokusebenzela zesiAfrikaans

Isiqingatha seencwadi
zokusebenzela ezingesiXhosa

litekisi ezilwimimbini

litekisi ezilwimimbini ngesi
Afrikaans/isiNgesi kwincwadi
/kwiseti yeenowutsi enye

litekisi ezilwimimbini ngesi
Xhosa/isiNgesi kwincwadi
/kwiseti yeenowutsi enye

litekisi ezilwimintathu

litekisi ezilwimimbini

litekisi ezilwimimbini ngesi
Afrikaans/isiNgesi kwincwadi /
kwiseti yeenowutsi enye

litekisi ezilwimimbini ngesi
Xhosa/isiNgesi kwincwadi /
kwiseti yeenowutsi enye

litekisi ezilwimintathu

7

LOLTA

50%
isiAfrikaans
50% isiNgesi

50% isiNgesi
50%
isiAfrikaans

50% isiXhosa
50% isiNgesi

Amagama asedongeni
alwimimbini, iiglosari,
ushicilelo neenowutsi
ezingokusingqongileyo

litekisi ezilwiminnye

Isiqingatha seencwadi
zokusebenzela zesiAfrikaans

Isiqingatha sencwadi
zokusebenzela ezingesiXhosa

litekisi ezilwimimbini

litekisi ezilwimimbini ngesi
Afrikaans/isiNgesi kwincwadi /
kwiseti yeenowutsi enye

litekisi ezilwimimbini ngesi
Xhosa/isiNgesi kwincwadi /
kwiseti yeenowutsi enye

Sibulela iZenex Foundation, iNelson Mandela Institute for Education and Rural Development kwakunye neOld Mutual Foundation ngokwenza ukuba ezi ncwadi zibe nokwenziwa. Iqulunqwe nguSoraya Abdulatief, Xolisa Guzula, Ntombizanele Mahobe, Carolyn McKinney, Nadeema Musthan, Margie Probyn, Brian Ramadiro, Robyn Tyler, Zola Wababa.

**Inguqulelo Sebolelo Mokapela
lyilwe ngu Phumle April**